Isalathiso: 20210315-1618
Inombolo yefayili: 12/12/45
Imibuzo: OK Apollis
SN Sheik Ismail

ISetyhula: 0018/2021
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo ezikolo eziziiprayimari nakwizikolo eziziisekondari zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa izikolo ngeeprothokholi ezigunyazisiweyo zokuthengwa kweenkonzo emaziqatshelwe xa kukhethwa umboneleli-nkonzo wokubonelela ngeenkonzo zokugada zabucala esikolweni.*

Isihloko: Ukuthengwa kweenkonzo ezinxulumene neenkonzo zokugada zabucala

1. Intshayelelo

1.1 Zonke izikolo zinomsebenzi oluxanduva wokuqinisekisa ukuba isiCwangciso i-*Nine Point Safe Schools Plan seSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED)* siyaphunyezwa njengoko kuchaziweyo kwi-*National School Safety Framework* nakwi-*Procedural Manual for Managing Safety and Security within WCED Institutions,* 2003, ehlaziywe ngo-2017.

1.2 Nakuba kunjalo, imfuno yokukhusela izikolo ngamanye amaxesha ifuna ukuba kuqeshwe oonogada babucala ezikolweni.

1.3 Kukho iiprothokholi ezingokuthengwa kweenkonzo ezigunyazisiweyo emaziqatshelwe xa kukhethwa umboneleli-nkonzo wokwenza iinkonzo zokugada zabucala esikolweni.

2. Iimfuno ezingummiselo nezinyanzelekileyo ze-*Private Security Industry Regulatory Authority* (*PSiRA*)

2.1 Igunya le*PSiRA* lisuselwa kumthetho i-*Private Security Industry Regulation Act*, 2001 (uMthetho 56 ka-2001). Injongo ephambili ye-*PSiRA* kukulawula ishishini lezokhuselo labucala nokusebenzisa amagunya olawulo ngokuyimpumelelo kwinkqubo yokusebenza yababoneleli-nkonzo bezokhuselo ukulungiselela iimfuno zikarhulumente nezikazwelonke, nokulungiselela ishishini lezokhuselo labucala ngokwalo.

2.2 Kunyanzelekile ukuba zonke iinkampani zokhuselo zibhaliswe kwi-*PSiRA* yaye zibe zezibhalisiweyo kwiziko ledatha lababoneleli-nkonzo i-*Central Supplier Database*. Makuqatshelwe ukuba umboneleli-nkonzo makabhaliswe kwi-*PSiRA* hayi kumnini-shishini elo.

2.3 Kunyanzelekile kwakhona nokuba bonke oonogada babhalise kwi-*PSiRA*. Ngumsebenzi oluxanduva lomboneleli-nkonzo ukuqinisekisa ukuba oonogada abenza le nkonzo babhalisiwe kwi-*PSiRA*.

2.4 Ukungazifezekisi ezi mfuno zingummiselo zingentla kuyamthintela umboneleli-nkonzo ekwenzeni inkonzo enxulumene nezokhuseleko nokhuselo.

3. Ukuthengwa kweenkonzo zokugada zabucala

3.1. Bonke ababoneleli-nkonzo mababhalise yaye babe bayayithobela imiqathango emiyo:

3.1.1 Yeziko ledatha lababoneleli-nkonzo i-*Central Supplier Database* (*CSD Certificate*);

3.1.2 YeNkonzo ye-*South Africa Revenue Service* (iSatifikethi i-*Tax Clearance Certificate*; kunye

3.1.3 Neye-*PSiRA* (iprintawuthi esuka kwiziko lewebhu njengoko kucacisiwe apha ngezantsi):

(a) Ngokungena kwi-*Uniform Resource Locator (URL*)) ku-intanethi apha: www.psira.co.za

(b) Ziskrole ukuhla ukuya kwii-"*online services*" kwicala langasekunene kwikhasi lewebhu

(c) Ziklikhe ku-"*Business verification*"

(d) Zifake INOMBOLO YE-*PSiRA* **okanye** IGAMA LENKAMPANI ebhalisiweyo

(e) Zifake ikhowudi i-*CAPCHA CODE* njengoko ichaziweyo

(f) Emva kokucofa u-"*submit*", ubume bobhaliso buya kuboniswa. Ukuba ubume bokubhalisa bunqunyanyisiwe okanye burhoxisiwe, oko kuthetha ukuba umboneleli-nkonzo akafanelekanga ukwenza inkonzo

3.2. Bonke oonogada abasemsebenzini **kufuneka** banxibe iyunifom yaye kufuneka bafake ikhadi lokuzazisa le*PSiRA* labo elibonisa ifoto yabo nenombolo yobhaliso ye*PSiRA*. Izikolo zinako ukukuqinisekisa ukubhaliswa kukanogada:

(a) Ngokungena kwisistim i-*URL* ku-intanethi apha: www.psira.co.za
(b) Ziskrole ukuhla ukuya kwii-"*online services*" kwicala langasekunene kwikhasi lewebhu;
(c) Ziklikhe ku-"*Individual verification*"
(d) Zifake INOMBOLO YE-*PSiRA* **okanye** INOMBOLO YESAZISI kanogada
(e) Zifake ikhowudi i-*CAPCHA CODE* njengoko ichaziweyo
(f) Emva kokucofa u-"*submit*", ubume bobhaliso buya kuboniswa. Ukuba ubume bokubhalisa bunqunyanyisiwe okanye burhoxisiwe, oko kuthetha ukuba umboneleli-nkonzo akafanelekanga ukwenza inkonzo.

4. **Ukuphunyezwa wenkonzo yokugada yabucala**

4.1. Ukuba umboneleli-nkonzo kunye/okanye unogada ufunyaniswe engawenzi ngobuchule umsebenzi, i-*PSiRA* inokukhupha isigunyaziso sokubanjwa komnini-shishini obonelela ngenkonzo leyo, konogada owenza loo nkonzo kunye/okanye komntu onoxanduva (kwabantu abanoxanduva) lokuthengwa kwenkonzo leyo.

4.2. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2021-04-08